



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**2018**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

### IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:  
ICANDELO A: Izincoko (50)  
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:  
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80  
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340-390.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Ndabuva ubunzima bokuba ngumzali ndisengumntwana. [50]
- 1.2 Igalelo lolutsha lwanamhla ekuhlaleni. [50]
- 1.3 Ukuthontelana kwabantu ezidolophini. [50]
- 1.4 Ukusa akufiki kabini ukuvusa umntu. [50]
- 1.5 Ifashoni [50]
- 1.6 Izinto endinokuzitshintsha kubomi bam ukuba ndinganikwa ithuba lokubuyela ebuntwaneni. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanekileyo, usebenzise umfanekiso ube mnye ukubhala isincoko esinye.

1.7.1

[Ucatshulwe kwi- [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

[50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi- [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100-120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umbulele ngokuthabatha iingcebiso zikaNontlalontle ezimncede wahlukana nokusebenzisa iziyobisi.

**[25]****2.2 ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

Bhala isivi yesi sibhengezo somsebenzi silandelayo kunye neleta ekhaphayo.

**OOTITSHALA BAFUNEKA NGOKUKHAWULEZA!  
KWISIKOLO ESIFUNDISA NGESIXHOSA**

**UTITSHALA WEZIFUNDO ZENZULULWAZI**  
(Olibhinqa kumabanga aphantsi naphezulu) M.Sc.Zoology

**UTITSHALA WEZIFUNDO ZOBUCHWEPHETSHA  
BEKHOMPYUTHA**  
(Indoda/ibhinqa kumabanga aphezulu naphakathi) MSC/BCS

**Izicelo eziya kuthathelwa ingqalelo:**

Zezabanamava nabantetho isulungekileyo yesiXhosa.  
Umhla wokugqibela wokufaka izicelo ngowama-21Julayi 2018, uze ufake isivi kunye nezingqinisiso kwi:  
Nqununu: 38\_47/c-11 Ghabhi Road, Lahore okanye u-imeyile kule dilesi [apswc@wol.net.pk](mailto:apswc@wol.net.pk)

[Sicatshulwe kwi-intanethi: [www.careers.com](http://www.careers.com) saza sahlelwa]

**[25]****2.3 IRIVYU**

Bhala irivyu yefilim obuyibukele.

**[25]****2.4 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba malunga nokhuseleko lwabahlali bengingqi yakho.

**[25]**

2.5 **UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe olenze njengomsasazi wesikhululo sikanomathotholo kwisibini esitshatileyo.

[25]

2.6 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kwisikolo sakho uncome okanye ugxeke uhlahlo lwabiwo-mali loMzantsi-Afrika olwenziwe nguMphathiswa.

[25]

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**